



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

NOVEMBA 2021

AMANQAKU: 70

IXESHA: liyure 2

Olu viwo lunamaphepha ali-12.



IMIYALELO NENGACISO

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A: Uvavanyo Lokuqonda (30)

ICANDELO B: Ushwankathelo (10)

ICANDELO C: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (30)

2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.

6. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngokwendlela ezinonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

7. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

8. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

9. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

ICANDELO A: Imizuzu engama-50

ICANDELO B: Imizuzu engama-30

ICANDELO C: Imizuzu engama-40

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.



ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA

Funda IZICATSHULWA A no B ezingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuzo.

ISICATSHULWA A

UJERUSALEMA, NESHWANGUSHA LECOVID-19

- 1 *UJerusalema* ligama lengoma kaMaster KG noNomcebo Zikode ebisematheni kwihlabathi liphela ngexesha lobhubhane wesifo esibangelwa yintsholongwane iKhorona ebisovuyavuya ihlabathi. Yingoma ebenehlumelo elingumdaniso nawo okwabizwa *Jerusalema*. Iqela i*Nowhere* laseAngola liwenze waduma lo mdaniso ngokuqhayisa ngeevidiyo zalo lidanisa kumaqonga onxibelelwano licela umngeni kwabazivayo. Ingoma u*Jerusalema* ithwele intshinga yodumo ngokuthi inwenwe ngokomlilo wedobo ukufikelela kwihlabathi lonke ngamaqonga onxibelelwano esingabala kwaphambili kuwo uTwitter, WhatsApp ngokunjalo nakwawomculo, uShazam, YouTube noSpotify. Esinye sezizathu zokuthwala intshinga kwale ngoma kukusasaza umoya wethemba oye waphakamisa imimoya ebisele idakumbile ngenxa yesifo iCovid-19. Umoya wethemba utyaleke ngokuthi abantu, abantwana nabasebenzi nkalo zonke zehlabathi bazibone sebedanisa kunye, besebenzisana, bemoyamnye. 5
- 2 Akukholelekanga ukubona ihlabathi limanyene ngomdaniso, lidanisela ingoma enye u*Jerusalema*, kunye ngaxeshanye ngexesha ubhubhane wentsholongwane iKhorona enza iziqwenga kwihlabathi. Ngokudanisa, livuma kunye ihlabathi, lizibone selibekela phaya kude imiqobo esekwe kulwimi, kubudala, kubulungu beenkolo ezithile, kwizihlalo zokulawula emisebenzini kanti nesekwe kuhlanga oluthile, okanye kubumi bezwekazi elithile. Mhlawumbi amazwi ale ngoma athi iJerusalem ilikhaya afumana isihlalo kwabaneziva emimoyeni ize ibeyiyona rhali, edibanise imihlambi eyalanayo kuba nabani uyalifuna ikhaya. 15
- 3 Kubengomnye umnqa ukubona ihlabathi **lijule ngefestile uchuku** lokufuna ukutolikelwa ingoma phambi kokuba liyivume okanye live intsingiselo yayo. Iintlanga ngeentlanga zehlabathi ziyivume injengoko yayibhaliwe ngoLwimi lwesiZulu, ingaguqulelwanga nakolunye kwezazo iilwimi. Iinkcubeko zehlabathi lonke ukusuka kwiindawo zasemaphandleni, kumanxweme eelwandle zaseIndiya, eParis nasePortugal ukuqhina ePitoli esembindini, zidityaniswe zahlanganiswa ngu*Jerusalema*. Kunjalonje wasiphula nolwamvila lokubukulana kwamazwe, kwaphela ukucalucalulana ngokobuhlanga befunana apha ngomdaniso noncuthu lwengoma. Lonke olu manyano lube ngumathunga wokumelana nomngeni weshwangusha eliyiCovid-19 ebeligqugqisa ihlabathi. 25
- 4 Ingoma u*Jerusalema* ibengumzekelo ophilayo ogqamise amandla engoma ngokwemveli ngakumbi kwingxaki yeCovid-19. Imisebenzi yengoma ekukuphilisa imiphefumlo, ukususa iimvakalelo zokuxhalaba, ukushenxisa uloyiko okomzuzwana ikwenze nakubantu abebesele bebunikezela besemisebenzini, nabebekumakhuko okufa, ezibhedlele kanti nakwabakwizihlalo ngezihlalo zokuphatha kwihlabathi lonke. Isebenze njengomvuseleli wethemba kubasebenzi ezibhedlele behlaziya injongo yabo yokuhoya iingxwelerha zeCovid-19. Owazi amayeza angathi ibeliyeza lamandla nokuphakamisa umoya kuba bebedanisa kunye bakugqiba baye kusebenza 35 40

	kunye kwizibhedlele sele bewuva ukhaphukhaphu umsebenzi wokujongana nombulali oyiCovid-19.	
5	Luchukumiseko olwahlukileyo olwenziwe yingoma uJerusalema kumazwe ehlabathi. Asinguye nabani ofumana ukuhoywa ziiPrezidanti ngolu hlobo. Nkqu nowayesakuba yiPrezidenti yaseMelika uMnumzana Trump ubebonwa kumajelo eendaba naye ekwadanisela uJerusalema. Yingoma ethe ngokuthi ndi-i-i kwayo yabonakala sele ibusondela kwisihlalo somhobe wesizwe soMzantsi Afrika nehlabathi. UPrezidanti woMzantsi Afrika uMnumzana Ramaphosa ude wamisela ukuba, ngomhla wamagugu wama-24 kuSeptemba ngowe-2020, kudaniswe umdaniso kaJerusalema. Kumyalezo wakhe uthe uJerusalema ngumqondiso wokuphilisa umoya welizwe oqhuba okuhle. Uyalele abantu beli ukuba bayivume le ngoma ukuze bacamngce, bakhumbule abasele besandulele, bavuyele nethuba lokungxenga amandla ombulalazwe oyiCovid-19 besesisizwe esisabambeneyo.	45 50 55
6	Ividiyo zale ngoma eziqulethe umdaniso wayo obutyala ngokuxhonywa nazo zibe ngathi zenza ngomlingo ukufikelela kwiHlabathi lonke zibe ngathi zithi 'Vuleka hlabathi' nanjengoko bezilwatyuzwa amazwe ehlabathi amiselwe i lockdown. Ngeliphandle iividiyo zikaJerusalema zibe ngumavulakuvaliwe. Ngexesha ebekungandwendwelwana nangamakhaya bezityhuluba zingena kumakhaya ngamakhaya kusabelwana ngazo nomoya wazo. Zombini, ingoma nevidiyo zityale umoya wethemba oye usakhelana, wakhula ngaxeshanye nesantya sentsholongwane yeKhorona ukufikelela kumazwe ehlabathi.	60
7	Le ngoma inwenwe ngesantya esimangalisayo. Ude athi omele iqonga likaShazam uJerusalema ibe yiyona ngoma abantu ebebeephuma izithuba befuna iinkcukacha ngayo-ukuyishazama ngolwimi lwabayisebenzisayo. Bambi bebengayiqwalaseli bayibukele phaya kwiqonga, bebeyothula, bayigcine, benze eyabo emitsha imidaniso nevidiyo, baze bazixhome kumaqonga sele ingu#Jerusalem. EsiNgesini igama, Shazam lithetha 'umlingo', kuba lilumelo lwemilingo ethathelwa kwiifilim nasezintsomini zamaqhawe amaNgesi. Ingoma uJerusalema nayo ifumana ukufaniswa kwamandla ayo okunwenwa nesenzo sokushazama ngenxa yokuhamba ngesantya esinguqhwaya, esingakholelekiyo sele kuvaliwe.	65 70
8	Ngangamandla ebenawo le ngoma ayitshintshanga indlela yokuphila, koko yongeze nesigama sethu ngexesha leCovid-19. Kuludwe olufutshane lwesigama sikaPanSALB ngowama-2020, uvele uJerusalema njengeline lamagama asetyenziswe rhoqo ephala kunye naweCovid-19. Inene uJerusalema ugqwesile njengengoma ngokumanya, ukubopha amanxeba, ukususa ingevane, ukuthundeza, ukuthomalalisa, nokunika ithemba kwiHlabathi liphela.	75 80
[Sicatshulwe kwi-City Press, 14 Februwari 2020, saguqulelwa esiXhoseni, saze sahlelwa]		

ISICATSHULWA B



[Ucatshulwe kwi-intanethi, www.googleimages.com waze wahlelwa]

IMIBUZO: ISICATSHULWA A

Jonga kumhlathi woku-1.

- 1.1 Khankanya ixesha ezimbalini eye yaduma ngalo ingoma u*Jerusalem*. (1)
- 1.2 Xela ukuba iqela laseAngola liyenze yaduma njani ingoma u*Jerusalem*. (1)
- 1.3 Nika naliphi iqonga lonxibelelwano elisetyenziswe ukudumisa ingoma u*Jerusalem* ngokwalo mhlathi. (1)
- 1.4 Lizisa ntsingiselo ni igama 'esinye' elinomgca ngaphantsi kumhlathi 1? (1)
- 1.5 Nika zibeziBINI izizathu zokuba u*Jerusalem* athwale intshinga ngokwalo mhlathi. (2)

Jonga kumhlathi wesi-2

- 1.6 Cacisa intsingiselo yegama 'ubhubhane' ngokomxholo walo mhlathi. (2)
- 1.7 Nika nawuphi umqobo kwebibekelwa kude xa kudaniswa ngengoma u*Jerusalem*. (1)
- 1.8 YINYANI/BUBUXOKI ukuba u*Jerusalem* uvule ithanda phakathi kwabantu ngexesha leCovid-19? Xhasa impendulo yakho. (1)

Jonga kumhlathi wesi-3

- 1.9 Nika intsingiselo yebinzana elibhalwe ngqindilili ngokwakulo mhlathi. (1)
- 1.10 Ngqina ngokufumana kulo mhlathi ukuba ingoma u*Jerusalema* idale umanyano kwihlalathi. (1)

Jonga kumhlathi wesi-4

- 1.11 Nika imisebenzi emiBINI yengoma exelwe kulo mhlathi. (2)

Jonga kumhlathi wesi-5

- 1.12 Caphula kulo mhlathi isifanekisozwi esinika intsingiselo yokuba u*Jerusalema* wanwenwela kwihlalathi jikelele. (1)
- 1.13 Xela injongo kaPrezidanti yokuyalela ukuba kubhiyozelwe umhla wamagugu ngengoma u*Jerusalema* ngonyaka wama-2020. (2)

Jonga kumhlathi wesi-6

- 1.14 Uyavumelana noluvo lombhali olunomgca ngaphantsi? Xhasa impendulo yakho. (2)

Jonga kumhlathi wesi-7

- 1.15 Khetha impendulo echanekileyo kwezi:
Igama 'ukuyishazama' ngokwalo mhlathi lithetha:
A Ukufuna iinkcukacha zengoma ngoYouTube.
B Ukufuna iinkcukacha zengoma kwiApp uShazam.
C Ukuthumelela umhlobo ingoma ngoWhatsApp.
D Ukulinganisa ingoma yemvumi ngoSpotify. (1)
- 1.16 Chaza ukuba lo mhlathi umfanisa njani u*Jerusalema* oyingoma noShazam. (1)

Jonga kumhlathi wesi-8

- 1.17 Ibenafuthe lini le ngoma kwisigama sakwaPanSALB? (1)
- 1.18 Ngokolwakho uluvo luluphi udidi lwabantu olunokuvuyela ukufunda esi sicutshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

IMIBUZO: ISICATSHULWA B

- 1.19 Nika izizathu eziBINI zokuthi aba bantu badanisa ngexesha leCOVID 19. (2)
- 1.20 Lo mfanekiso ungqinelana njani nomhlathi wesibini ukuba u*Jerusalema* waphule umqobo obubudala? (2)
- 1.21 Nika imfundiso enikwa zezi zicatshulwa zibini ngengoma. (2)

AMANQAKU ECANDELO: A 30

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2: UKUSHWANKATHELA

ISICATSHULWA C sithetha **ngezinto ekumele uzazi phambi kokuba ube nguDJ**. Shwankathela ngamazwi akho unike ulwazi olubalulekileyo kwabafuna ukuzama ukubangooDJ.

QAPHELA:

1. Bhala UMHLATHI ongenaziphene usebenzisa amazwi akho kangangoko unako.
2. Isishwankathelo sakho masiquke iingongoma EZISIXHENXE ungedluli kumagama angama-70.
3. AKULINDELEKANGA ukuba ubhale isihloko xa ushwankathela.
4. Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo wakugqiba.

ISICATSHULWA C

OKUBALULEKE UKWAZI PHAMBI KOKUZAMA UKUBANGUDJ

IsiXhosa sithi, 'Inyathi ibuzwa kwabaphambili'. Ezi ziingcebiso ezinikwe ngesisa ngoFacebook kulowo uzama ukubanguDJ. Kuyimfuneko ukuba ube nomsebenzi okanye isingxungxo onokuxhomekeka kuso ngemali ngeli xesha usazama isakhono sokudijeya. Kaloku kusafuneka uzenzele abalandeli. Ngamanye amaxesha abalandeli ungabenza ngokudlalela abantu mahala ukuze bakubone, bawuthande nomsebenzi wakho.

Khumbula, kaloku ukudijeya kuyabufuna ubuxhakaxhaka obuzizixhobo zokudijeya ezisemgangathweni. Kungabubuchule ke ukuzama ukufumana izixhobo ezinamandla okukhupha isandi osifunayo nokuba zingamasekeni asomeleleyo. Usenokufumana nokuba zizipikha nezikhuselizandi zokunqanda ukungxolela abantu nabamelwane xa usaziqeqesha ekhaya.

Gcina engqondweni ukuba nangona uza kube uwucwangcise wawuyondelelanisa umculo wakho, kuluncedo ukubanika ithuba abalandeli bakho bancedise kwizigqibo zeengoma ezinokudlalwa, okanye ekunokuqalwa ngazo. Umoya wabalandeli uyancedisa kakhulu ekuthatheni izigqibo zomakudlalwe, kangangokuba nokuba sele ikukruqule ingoma kufuneka uqhube uyidlale xa besayithanda abalandeli. Ungalwenza nangomboko unxibelelwano nabalandeli kuba awuzidlaleli.

OoDJ abaninzi bathi asibobuchule ukusuka udijeye ungakhange urhece ulwazi lomculo okanye imfundwana engokudlala izixhobo zokucula. Ulwazi lungasikhulisa isakhono sakho sokucula uzibone sele ungumdidiyeli womculo.

Mamelisisa, uwajongisise amasolotya esivumelwano ngakumbi abhalwe ngamagama amancinci ukuze ungangeni emgxobhozweni ungaqondanga. Zifuna ingqiqo izivumelwano osenokungena kuzo njengoko noomanejala besahluka. Ngoko yiba nolwazi ngeengxaki abanokukufaka kuzo ngezivumelwano zabo. Kuyenzeka omnye afune ukuthatha isixa esingama-90 eepesenti kwingeniso yeshishini, kanti abanye bathatha ukusuka kwishumi ukuya kwamabini.

Ungazifunela umntu oza kukunika inkxaso engahexiyo kwimizamo yakho nanjengoko zininzi iingxaki onokuhlangana nazo. Ngezinye iimini uza kubuya izinto zingahambanga kakuhle okanye uphoxekile kwindawo obuye kudlala kuyo, okanye imali ingezi ngexesha obulilindele, kube kufuneka uqhube usebenze. Akumfuni umntu oza kuhlekisa ngengxaki yakho okanye athi, 'bendiyilindele loo nto'.

Hlaba ukhangele kuba ukuhamba kuyayitya imali nanjengoko uzakumana uhambela iindawo ngeendawo nakumazwe ngamazwe. Yazi ukuba xa undwendwela amazwe aphesheya ingafuneka imali eyiyeyakho nokuba umqashi uza kukuhlawulela iindleko zokubhabha. Ngamanye amaxesha kungakhe kufuneke uzihlawulele ngokwakho iindleko zendawo yokuhlala.

[Sithathwe www.facebook.com saze sahlelwa]

AMANQAKU ECANDELO B: 10



ICANDELO C: IZAKHI NEMIQAGO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3: ISIBHENGEZO NTENGISO

Funda esi sibhengezo (ISICATSHULWA D) Singezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

ISICATSHULWA D



[Uthathwe kwi-intanethi, www.google.com waze wahlelwa]

- 3.1 Xela igama leApp ethengiswa yile ntengiso. (1)
- 3.2 Chaza isizathu sokuba igama Shazam libhalwe ngoonobumba abakhulu. (1)
- 3.3 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba esi sibhengezo senza ngathi kulula ukufumana ulwazi ngengoma xa usebenzisa iApp uShazam. (2)
- 3.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi:
 Ubaxo oluthi 'ube lulonwabo wo-o-onke' lube sisixhobo esisetyenziselwe:
 A Ukuthandabuzisa abathengi ngoShazam.
 B Ukubizela abathengi kuShazam.
 C Ukulibazisa abathengi ngoShazam.
 D Ukunyanzela abathengi kuShazam. (1)
- 3.5 Caphula isigama esisetyenziswe ngenjongo yokwenza abathengi bathathe amanyathelo okufumana iApp ethengiswayo. (1)
- 3.6 Sijoliswe koobani esi sibhengezo ntengiso? (2)
- 3.7 Ngqina okanye uchase ukuba ikho ingcinga ebethelelekileyo ngokwesini kwesi sibhengezontengiso. Xhasa impendulo yakho. (2)

[10]

UMBUZO 4: IKHATHUNI

Funda le khathuni (ISICATSHULWA E) ingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.

ISICATSHULWA E



[Icatshulwe kwi intanethi, www.garfield.com yaze yahlelwa]

- 4.1 Nika zibeMBINI izinto ezifumaneka kwiselula kaSive ezikwisakhelo soku-1. (2)
- 4.2 Xela ukuba anika ntsingiselo ni amachaphaza amathathu kwintetho kaSive ekwisakhelo sesi-3. (1)
- 4.3 Igama 'kodwa' kwisakhelo sesi-3 linika ngcinga ni ngale selula? (1)
- 4.4 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi.
 Ukungabikho kwencoko kwisakhelo sesi-2 kwenziwa kukuba umzobi ugqamisa isenzo sokuba uSive ... yakhe.
 A uvuyelana nokukhala kweselula
 B ugaedene nokukhala kweselula
 C usaxeledana nonina ngeselula
 D usalilelana nonina ngeselula (1)
- 4.5 Thelekisa uvakalelo lukaSive kwisakhelo soku-1 nakwisakhelo sesi-3. (2)
- 4.6 Chaza isenzo sikaLiyon asenze kuzo zozithathu izakhelo, esingahambelani nengcinga yakhe ekwisakhelo sesi-3. (1)
- 4.7 Ucinga ukuba uphumelele umzobi wekhathuni ukungxolisa abantu abanqula ukusebenzisa iiselula kunokuhoya abantu abahleli nabo? Xhasa impendulo yakho. (2)

[10]

UMBUZO 5: IPROZI

Funda esi sicatshulwa (ISICATSHULWA F) singezantsi, sineempazamo ezithile ezenziwe ngeenjongo uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

ISICATSHULWA F

UVELA BAHLEKE

- 1 Kunamawele ayengeva, efana kunzima ukuwahlula nditsho nkqu *nabazali* awo babesohluleka ukuwahlula ukuba lo ngubani, lowa ngubani ngenxa yokufana. Esikolweni ibiba seso, ufike bebhidisa utitshalakazi angazi nokuba ngubani owenze ntoni.
- 2 **Lento** yokumosha kwaba bantwana mihla le iye yamcaphukisa utata wabo de wagqiba kwelokuba abajonge ngeliso lokhozi kwinto yonke abayenzayo ingakumbi ezifundweni zabo. 5
- 3 Le nto iye yamenza waya eba bukhali omnye ezifundweni zakhe ngelixa omnye wayengatyi kwanto. Nayo leyo ibenze baba namanye amaqhinga. Lo ubukhali ezifundweni ebeye abhalele nalo ubuthuntu ukuze baphumelele bobabini. Waqonda uyise ukuba ziyeza iimviwo zaphakathi enyakeni apho aza kubona khona ukuba ngubani kanye kanye lo umqhathayo. 10
- 4 Okunene zifikile iimviwo labe lingekho tu ikroba lokuba eli lityayo emagameni lincedisile eli libuthuntu. Owokuqala use iziphumo zakhe kuyise wabe efumene amashumi alithoba anesihlanu ekhulwini, **ambethe uyise** esithi ufuna ikhulu ekhulwini. Lafika elesibini lize nesihlanu ekhulwini, lakubuzwa nguyise, lathi umfowabo umbele la mashumi alithoba anesihlanu angekhoyo, watyhafa uyise. 15

[Sicatshulwe kwiSol'ezwe lesiXhosa, 20 Septemba 2016, saze sahlelwa]

- 5.1 Lungisa isiphene sovumelwano esikwigama elibhalwe bukekela kwisivakalisi esingezantsi.
'... kunzima ukuwahlula nditsho nkqu nabazali awo ...' (1)
- 5.2 Tolika isiqwengana esingezantsi esinomgca ngaphantsi.
'babesohluleka ukuwahlula ukuba lo ngubani lowa ngubani ngenxa yokufana.' (2)
- 5.3 Caphula isikhombisi esikhomba (a) **apha** nesikhombisi esikhomba (b) **phaya** kwisivakalisi esingezantsi.
'... babesohluleka ukuwahlula ukuba lo ngubani lowa ngubani ngenxa yokufana.' (2)
- 5.4 Lungisa isiphene sobhalo kwibinzana elibhalwe ngqindilili kumhlathi wesi-2. (1)

- 5.5 Nika isichasi segama, 'ubukhali' esikumhlathi wesithathu. (1)
- 5.6 Bhala ngokuchanekileyo imo yohlobo lolandelelwano olukwisenzi esibhalwe ngqindilili ngezantsi.
- Owokuqala use iziphumo zakhe kuyise wabe efumene amashumi alithoba anesihlanu ekhulwini, **ambethe** uyise esithi ufuna ikhulu ekhulwini. (1)
- 5.7 Bhala ngokuchanekileyo igama elinomgca ngaphantsi kwisivakalisi esingezantsi.
- Owokuqala use isiphumo zakhe kuyise. (1)
- 5.8 Khetha kwizibiyeli intsingiselo kamabizwafane '**umbele**' ehambelana nempendulo yewele kumhlathi wokugqibela wale tekisi.
- (Uthathe amashumi alithoba anesihlanu wawenza awakhe lashota elinye iwele/uthathe amashumi alithoba anesihlanu wawanika iwele lakhe ukuze ligcwalise ngawo kwawalo engaboni uyise.) (1)
- [10]

AMANQAKU ECANDELO C: 30
AMANQAKU EWONKE: 70





basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

NOVEMBA 2021

AMANQAKU: 70

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-9.



QAPHELA

- Esi sikhokelo sokumakisha senzelve ukuba sibe sisikhokelo kubamakishi.
- Asenzelwanga ukuba sibe ngummiselo ogqibeleleyo.
- Iimpendulo zabafundi mazithathelwe ingqalelo ngokokuchaneka kwazo.
- Iimpendulo mazihlolwe ngokupheleleyo namanqaku anikezelwe apho kufuneka anikezelwe khona ngokwezigqibo ezithatyathwe kwintlanganiso yokubeka umakisho emgangathweni.
- Isikhokelo sokumakisha siya kuxoxwa phambi kokuba kuqalwe ukumakisha.

IMIYALELO KUBAMAKISHI

Umakisho lwesicatshulwa sokuqonda:

- Ngenxa yokuba kugxininiswa ekufundeni ngokuqonda, akufanelekanga ukuba upelo olugwenxa neemposiso zolwimi kwiimpendulo zezivakalisi zinyityelwe amanqaku ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo yempendulo elindelekileyo. Iimposiso ezikhoyo maziqatshelwe ngokukrwelelwa.
- Kubaviwa abasebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi ngobunjalo bawo, olungesiso isiXhosa, musa ukuwathathela ingqalelo lawo magama anjalo, kananjalo banganyityelwa manqaku xa ngaba iimpendulo ezinikiweyo zinembadla. Ngokunjalo ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lusetyenziwe kwitekisi kwaye impendulo ifuna elo gama, oko kwamkelekile.
- **Kwimpendulo apho ziliqela iimpendulo ezichanekileyo** akunikwa manqaku ngeempendulo ezingu-EWE/HAYI, NDIYAVUMA/ANDIVUMELANI kuphela. Anikwa kuphela ngesizathu/ukuxhasa/nokuzakuzelela impendulo.
- AKUNIKWA manqaku ngeempendulo ezingu-YINYANI/BUBUXOKI, okanye YINYANI/LULUVO kuphela. Anikwa kuphela ngesizathu/ukuxhasa/nokuzakuzelela impendulo.
- Apho kulindeleke iimpendulo ezigama linye aze umviwa anike isivakalisi, nika amanqaku **ukuba ngaba** igama elifanelekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi okanye ligqanyisiwe.
- Kwimibuzo apho kulindeleke iimpendulo ezimbini/ezintathu, aze umviwa adwelise uluhlu lweempendulo, makisha **kuphela** ezimbini/ezintathu zokuqala.
- Ilwimi zengingqi neziyelelani zesiXhosa zamkelekile.
- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, makwamkelwe zombini, ukutsho oko unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokuzeleyo.

ICANDELO A: ISICATSHULWA

UMBUZO 1: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA

- 1.1 Lixesha lobhubhane wesifo esibangelwa yintsholongwane iKhorona.✓ (1)
- 1.2 Ngokuthi liqhayise ngeevidiyo zalo zomdaniso wengoma uJerusalema kumaqonga onxibelelwano.✓ (1)
- 1.3 Twitter✓/Youtube✓/WhatsApp.✓
(Nayiphi kwezi.) (1)
- 1.4 Lizisa intsingiselo yokuba isizathu salekwa phezu kwesinye.✓/Lizisa intsingiselo yokuba isizathu siyongezwa kwesezikho.✓/Lizisa intsingiselo yokuba sikhona nesinye isizathu.✓/ Lizisa intsingiselo yokuba aziphelelanga kwesi sodwa isizathu.✓ (1)
- 1.5 Kukunwenwa okomlilo wedobo afikelele kwihlabathi lonke ngexesha elingephi.✓/Ngumoya wethemba awusasaze kuzwelonke evusa imimoya ewileyo ngexesha leCovid-19.✓ (2)
- 1.6 Ubhubhane sisifo esibulala abantu abaninzi ngokukhawuleza✓✓/sisifo esingumbulalazwe✓✓/sisifo esigqugqisayo sibulale sitshabalalise abantu kwihlabathi/kwingingqi.✓✓ (2)
- 1.7 Ngumqobo osekwe kulwimi✓/kubulungu benkolo ezithile✓/kubudala✓/kwizihlalo zokulawula emisebenzini✓/ osekwe kuhlanga oluthile ✓/osekwe kubumi bezwekazi elithile.✓
(Nayiphi kwezi.) (1)
- 1.8 Bubuxoki kuba ngokwesicatshulwa ihlabathi belimanyene ngenxa yale ngoma.✓ (1)
- 1.9 Liyeke uchuku✓/lohlukane nochuku.✓ (1)
- 1.10 Ndiyangqina kuba abantu bayeke ukubukulana ngokobuhlanga✓/abantu bayeke ukucalulana ngokobuhlanga✓/ bebefunana apha ngomdaniso bengasajongananga mibala, buhlanga, nalwimi✓/kuba iintlanga ngeentlanga ziyivume njengoko ibhalwe ngolwimi lwesiZulu ingaguqulelwanga kwiilwimi zazo✓/kuba iinkcubeko zehlabathi lonke zidityaniswe zahlanganiswa nguJerusalema.✓
(Nayiphi kwezi.) (1)

- 1.11 Kukuphilisa imiphefumlo✓/kukususa uloyiko✓/ kukususa imvakalelo
zokuxhalaba✓/iphilisa abantu ababesele besezibhedlele
benikezele✓/ngumvuseleli wethemba/ibeliyeza lamandla nokuphakamisa
umoya.✓
(Nasiphi isibini kwezi.) (2)
- 1.12 Ndi-i-i.✓ (1)
- 1.13 Yeyokuba abantu bacamngce, bakhumbule abasele besandulele, bavuyele
ithuba lokungxenga amandla ombulalazwe oyiCovid-19, bebambene.✓✓ (2)
- 1.14 Ndiyavumelana nalo kuba iividiyo zikaJerusalema bezityhuluba, zingena
kumakhaya ngamakhaya zade zawela iilwandle ngexesha bekuvaliwe
ukuambelana kwamakhaya namazwe ehlabathi.✓✓

OKANYE

- Andivumelani nalo kuba iividiyo bezihamba zodwa, abakhange bade
bavulelwe ukundwendwelana abantu.✓✓
(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (2)
- 1.15 B✓/ B Ukufuna iinkcukacha zengoma kwiApp uShazam✓/Ukufuna iinkcukacha
zengoma kwiApp uShazam. ✓ (1)
- 1.16 Bobabini bahamba ngesantya esingakholelekiyo✓/bobabini bahamba
ngesantya esinguqhawanya✓/bobabini bahamba ngokomlingo.✓ (1)
- 1.17 Lokwengeza kwisigama sikaPanSALB sika2020.✓ (1)
- 1.18 Ngabathandi/ngabalandeli bomculo nomdaniso wengoma enguJerusalema✓
kuba bayakhuthazeka ludumo olubangelwe yingoma u'Jerusalema'.✓/
NguMaster KG noNomcebo Zikode✓ kuba babenegalelo ekubumbeni uluntu
nokutyala umoya okhulula kwinkxalabo eze neCovid-19.✓/Lulutsha✓ kuba
luthanda ingoma njengoko isicatshulwa siwuphindaphinda umyalezo
wamandla engoma.✓ Ngabantu abachaphazeleke yiCovid-19✓ kuba isihloko
sithi uJerusalema neshwangusha leCovid-19.✓
(Nayiphi kwezi.) (2)
- 1.19 Banxibe izifonyo✓, baqaqelene.✓ (2)
- 1.20 Ngokuba kumhlathi wesibini nakulo mfanekiso umdaniso uquka abantu
abatsha nabadala.✓✓
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)
- 1.21 Yeyokuba ingoma idala umanyano.✓✓/Yeyokuba iyathuthuzela iphelise
nenkxalabo.✓✓/Yeyokuba ivuselela ithemba✓✓/Yeyokuba inika ithemba. ✓✓ (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2: UKUSHWANKATHELA NGAWAKHO AMAZWI

Sebenzisa ezi ngongoma zingundoqo zilandelayo ekufuneka zibandakanywe ngabaviwa kwisishwankathelo **njengesikhokelo**.

Ukumakisha isishwankathelo kusekwe ekugqaliseni iingongoma ezingundoqo.

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

Naziphi iingongoma ezichanekileyo ezisi-7 ezibhalwe ngokomhlathi mazimakishwe. (Izivakalisi mazinamathelane.)

UCAPHULO			IINGONGOMA	
1.	'Kuyimfuneko ukuba ube nomsebenzi okanye isingxungxo onokuxhomekeka kuso ngemali ngeli xesha usazama isakhono sokudijeya.'	1.	Yiba nendlela yokungenisa imali ngexesha usazama ukukhulisa ubuchule bakho bokudijeya.	
2.	'... ukudijeya kuyabufuna ubuxhakaxhaka obuzizixhobo zokudijeya ezisemgangathweni, ...nokuba zingamasekeni ...'	2.	Fumana izixhobo zokudijeya ezisemgangathweni nokuba zingamasekeni.	
3.	'... kuluncedo ukubanika ithuba abalandeli bakho bancedise kwizigqibo zeengoma ezinokudlalwa ...'	3.	Nika abalandeli bakho ithuba lokuncedisa ukwenza isicwangciso seengoma oza kuzidlala.	
4.	'... asibobuchule ukusuka udijeye ungakhange urhece ulwazi lomculo okanye imfundwana engokudlala izixhobo zokucula.'	4.	Zama ukubanolwazi lomculo okanye olokudlala izixhobo zomculo.	
5.	'Mamelisisa, uwajongisise amasoloty esivumelwano ngakumbi abhalwe ngamagama amancinci ukuze ungangeni emgxobhozweni ungaqondanga.'	5.	Ziqiqisise izivumelwano nemanejala phambi kokusayina ukuze ungaziboni sele usengxakini.	
6.	'Ungazifunela umntu ozakunika inkxaso engahexiyo kwimizamo yakho nanjengoko zininzi iingxaki onokuhlangana nazo.'	6.	Qiniseka ukuba unomntu omthembileyo onokukuxhasa angakutyhafisi kwiimeko ezifuna inkxaso.	
7.	'Hlaba ukhangele kuba ukuhamba kuyayitya imali nanjengoko uzakumana uhambela iindawo ngeendawo nakumazwe ngamazwe.'	7.	Yiba nobuchule bokugcina imali eyaneleyo ngalo lonke ixesha ukuze uqinisekise ngokuzihlawulela ngokupheleleyo iindleko zohambo lwakho.	[70 amagama]

UKUBHALWA NGOKOMHLATHI

QAPHELA: Oku kulandelayo ngumzekelo nje kuphela. Akungommiselo kwaye makusetyenziswe ngobuchule.

UMHLATHI

Yiba nendlela yokungenisa imali ngexesha usazama ukukhulisa ubuchule bakho bokudijeya. Fumana izixhobo zokudijeya ezisemgangathweni nokuba zingamasekeni ukuze ungabonakali njengomntu ongazinto. Nika abalandeli bakho ithuba lokuncedisa ukwenza isicwangciso seengoma oza kuzidlala. Zama ukubanolwazi lomculo okanye olokudlala izixhobo zomculo. Ziqiqisise izivumelwano nemanejala phambi kokusayina ukuze ungaziboni sele usengxakini. Qiniseka ukuba unomntu omthembileyo onokukuxhasa angakutyhafisi kwiimeko ezifuna inkxaso. Yiba nobuchule bokugcina imali eyaneleyo ngalo lonke ixesha ukuze uqinisekise ngokuzihlawulela ngokupheleleyo iindleko zohambo lwakho.

[70 amagama]

Ukumakisha isishwankathelo:

Ukumakisha isishwankathelo kusekwe ekugqaleni iingongoma ezingundoqo.

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo lwamanqaku**
 - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7 (inqaku ngengongoma nganye).
 - Amanqaku ama-3 olwimi.
 - Amanqaku ewonke: 10.
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo:**
 - 1–3 amanqaku achanekileyo: Nika inqaku eli-1 lolwimi.
 - 4–5 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-2 olwimi.
 - 6–7 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-3 olwimi.
- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa becaphule.**
 - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: akunikezelwa manqaku olwimi.
 - 4-5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: nikezela inqaku libe-1 lolwimi.
 - 2-3 iingongoma ezicatshulwe ngqo: nikezela amanqaku abe ma-2 olwimi.

QAPHELA:

- **Ubalo-magama**
 - Abakorekisho kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
 - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umviwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
 - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kuma ekupheleni kwesivakalisi eliphele kuso inani eliqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.

AMANQAKU ECANDELO B: [10]

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

Ukumakisha iCANDELO C

Umakisho lweCANDELO C:

- Upelo
 - Iimpendulo ezinegama elinye mazimakishwe nokuba upelo lugwenxa, ngaphandle kokuba isiphene sitshintsha intsingiselo yegama.
 - Kwiimpendulo ezizivakalisi ezipheleleyo upelo olugwenxa malunyityelwe amanqaku ukuba impazamo ikwimigaqo yolwimi oluhlolwayo.
 - Xa kuhlolwa izifinyezi impendulo mayibonakalise ukusetyenziswa kweziphumlisi ngokuchanekileyo.
- Ulwakhiwo kwizivakalisi malubhalwe ngemigaqo yegama echanekileyo nangezivakalisi ezipheleleyo/ngokomyalelo.
- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokupheleleyo, iyamkeleka.

UMBUZO 3: ISIBHENGEZO NTENGISO

- 3.1 YiApp uShazam✓/nguShazam✓/Shazam.✓ (1)
- 3.2 Ligama leApp ethengiswayo✓/Kukutsala abathengi.✓ (1)
(Nayiphi na kwezi)
- 3.3 Senza kubelula kuba isigama esithi, 'Ndimamelise nje' sisigama esenza ngathi kulula ukufumana iinkcukacha ngengoma.✓/Senza ngathi kulula kuba isigama esithi, uml-i-ngo! sisigama esinika intsingiselo yokuba kwenzeka ngoqhwaya ukufumaneka kweenkcukacha ngengoma.✓/Senza ngathi kulula kuba isigama esithi, 'Shaza-am konke ngengoma kukuwe' sisigama esinika umthengi ukuba kuya kuba nguqhwaya ukufumana iinkcukacha zomculo.✓
(Nasiphi na isibini) (2)
- 3.4 B✓/B Ukubizela abathengi kuShazam✓/Ukubizela abathengi kuShazam.✓ (1)
- 3.5 Thenga.✓/Thenga kuPlaystore ngoku.✓ (1)
- 3.6 Kubantu abathanda umculo✓/ benayo iselula enoPlaystore okanye uAppleStore✓benaso i'ismart phone'.✓ (2)
- 3.7 Ndiyangqina kuba kusetyenziswe umfanekiso womntu oyindoda ngokungathi ngamadoda kuphela afanele ukusebenzisa uShazam✓✓/ ngokungathi ngamadoda kuphela athanda umculo.✓✓

OKANYE

Ndiyachasa ukusetyenziswa kukaShazam akunasini umfanekiso womntu oyindoda usetyenziselwe nje ukuthengisa iApp.✓✓

(Nayiphi impendulo echanekileyo.)

(2)
[10]

UMBUZO 4: IKHATHUNI

- 4.1 IGPS ✓/ikhalenda✓/ikhamera✓/idlala umculo oziiMP3✓/imiyalezo ethethayo.✓
(Nasiphi isibini kwezi.) (2)
- 4.2 Yokuba intetho kaSive isaqhuba✓/eyokuba intetho kaSive ayiphelelanga.✓
(Nayiphi na kwezi) (1)
- 4.3 Linika ingcinga yokuba nangona iselula inazo izinto ezininzi azithandayo uSive, ikho into engenzekiyo✓/Linika ingcinga yokuba intetho eza kulandela iza kunika into engakwazi ukuyenza iselula kaSive✓/ Linika ingcinga yokuba inesiphene✓/ Linika ingcinga yokuba nangona ikwazi ukwenza izinto ezininzi iselula kodwa ikho le ingakwaziyo ukuyenza.✓ (1)
- 4.4 B. ✓ B. ugadene nokukhala kweselula yakhe.✓/ ugadene nokukhala kweselula yakhe.✓ (1)
- 4.5 Kwisakhelo soku-1 uSive wonwabile kanti kwisakhelo sesi-3 udanile/unxunguphele.✓✓ (2)
- 4.6 ULiyon uthule kuzo zozithathu izakhelo endaweni yokuxelela uSive iimpazamo zakhe.✓ (1)
- 4.7 Uphumelele kuba umenze uSive wanesithukuthezi ngenxa yokunqula iselula ekhona uLiyon abenokuchitha naye isithukuthezi walibala kukufuna ukufonelwa ngabantu abangakhange bade bamfonele.✓✓/Uphumelele kuba umenze uSive wafumana isohlwayo ngokusebenzisa ifowuni angamhoyi uLiyon ahleli naye.✓✓

OKANYE

Akaphumelelanga kuba uLiyon amsebenzisileyo naye khangе amncokolise uSive.✓✓/ Akaphumelelanga kuba uLiyon naye uye akamhoya uSive, akamthethisa, akamjonga nokumjonga.✓✓

(Nayiphi na impendulo echanekileyo iyakwamkeleka)

(2)
[10]

UMBUZO 5: IPROZI

- 5.1 '... kunzima ukuwahlula nditsho nkqu nabazali bawo. (1)
- 5.2 Babesoyisakala ukwazi ukuba nguwuphi owuphi/babesoyiswa/
kukuqaphela umahluko phakathi kwabo/babengakwazi ukuthi ngowuphi
owuphi. (2)
- (Nayiphi na kwezi) (2)
- 5.3 (a) lo, (b) lowa. (2)
- 5.4 Le nto. (1)
- 5.5 Ubuthuntu. (1)
- 5.6 ... wambetha. (1)
- 5.7 Iziphumo. (1)
- 5.8 Uthathe amashumi alithoba anesihlanu wawenza awakhe lashota elinye
ivele. (1)
- [10]

AMANQAKU ECANDELO C: 30
AMANQAKU EWONKE: 70